**Uyilo loku1 lohlaziyo luka2026_**

# UMgaqonkqubo weeLwimi weYunivesithi yaseStellenbosch

| | |
|---|---|
| **Inombolo yesalathiso yolu xwebhu** | |
| **Uhlelo lweHEMIS** | |
| **Injongo** | Ukukhuthaza indlela yokucinga ngeelwimi ezininzi nokumisa ngendlela, nokulawula ukusetyenziswa kweelwimi kwiinkalo zeYunivesithi yaseStellenbosch. |
| **Uhlobo loxwebhu** | Uxwebhu lomgaqonkqubo |
| **Ukufikeleleka** | Ngokubanzi (ngaphandle nangaphakathi) |
| **Umhla wokuphunyezwa** | 1 EyoMqungu 2027 okanye msinya emva koko |
| **Umhla/ukuphindaphindwa kophononongo** | Lo Mgaqonkqubo kufuneka uhlaziywe kwisithuba sonyaka wesithandathu usetyenziswa. Unakho ukuhlaziywa phambi kwexesha, okanye ngaphezu kwesihlandlo esinye kwisithuba sokusetyenziswa kwawo, ukuba iimeko zigunyazisa uphengululo okanye ukuba umnini woMgaqonkqubo ukubona kuyimfuneko oku. |
| **Umhla wokuvunywa koMgaqonkqubo wangaphambili** | 2 EyoMnga 2021 |
| **Umnini woMgaqonkqubo** | USekela weSekela Ngqonyela: wezeMfundo |
| **Igosa leli ziko (umgcini) elijongene nalo Mgaqonkqubo** | UMlawuli oyiNtloko: weCandelo lokuPhucula ukuFunda nokuFundisa |
| **Umhla wokuvunywa** | |
| **Wamkelwe** | LiBhunga leYunivesithi yaseStellenbosch livumelene nesiGqeba soLawulo |

| | |
|---|---|
| **Amagama angundoqo** | unxibelelwano lweziko; ukutolika; ulwimi; isicwangciso solwimi; iilwimi zokufunda nokufundisa; iilwimi ezininzi; ubuchule bokuthetha iilwimi ezininzi; umgaqonkqubo; ukufundisa, ukufunda novavanyo; ubuchwepheshe nolwimi; ukunxibelelana ngeelwimi ezahlukileyo; uguqulolwimi |
| **Ukusebenza** | Inguqulelo yesiNgesi yalo Mgaqonkqubo yeyona nguqulelo isebenzayo, ukuze inguqulelo yesiAfrikaans neyesiXhosa zibe ziinguqulo zawo. |

## Iziqulatho


1. Intshayelelo ... 4
2. Imeko yeelwimi ezininzi ... 4
3. Ukusetyenziswa koMgaqonkqubo ... 7
4. Ekujoliswe kuko ngulo Mgaqonkqubo ... 7
5. Iinjongo zalo Mgaqonkqubo ... 7
6. Imiqathango yoMgaqonkqubo ... 8
7. Imimiselo yoMgaqonkqubo ... 10
   7.1 Ukufunda nokufundisa ... 10
   7.2 Unxibelelwano lwangaphakathi ... 14
   7.3 Unxibelelwano lwangaphandle ... 16
   7.4 Ucwangciso lweelwimi ... 16
   7.5 Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ... 18
   7.6 Inkxaso esuka kwiZiko leeLwimi ... 19
   7.7 Inkxaso yeelwimi ephuculweyo ngezobuchwepheshe ... 20
8. Ingxelo, ukubeka iliso nokusonjululwa kwengxabano ... 20
9. Ulawulo lomgaqonkqubo ... 22
   9.1 Imisebenzi ... 22
10 Uphononongo nophengululo ... 23
11 Ubhengezo ... 23
12 Amaxwebhu anxulumeneyo naxhasayo ... 24

IsiHlomelo A: Uluhlu lweenkcazelo zamagama nezifinyezo ... 26

## 1. Intshayelelo

IYunivesithi yaseStellenbosch (iSU) izibophelele ekuzibandakanyeni nolwazi kwintlalo yoluntu eyahlukileyo. Lo Mgaqonkqubo weeLwimi ujolise ekwenzeni icandelo 29(1) nelama29(2) loMgaqosiseko woMzantsi Afrika lisebenze ngokufanayo nendlela ulwimi olusetyenziswa ngayo kwimfundo ephakamileyo yeYunivesithi, kulawulo, nakwiimeko zomsebenzi nentlalo. Ngokwesi sikhokelo somgaqosiseko, ulwimi luqondwa njengondoqo wentathonxaxheba, ukufikelela kwingqiqo nempumelelo ezifundweni.

Lo Mgaqonkqubo ubonelela ngesikhokelo sokusetyenziswa ngokulinganayo nangokuqukayo kweelwimi ezisemthethweni zeYunivesithi. Uhambelana neSikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020), uqnisekisa ukuba iSU iyazifezekisa iimfuno zesizwe zokufundisa, ukufunda, ukuvavanya, uphando, uthethathethwano nolawulo kusetyenziswa iilwimi ezininzi.

Lo Mgaqonkqubo ukwaxhasa uMbono ka2040 weYunivesithi, obeka iSU njengeziko elaziwayo kwihlabathi ngokubanzi, elisabela kuluntu, nelibandakanyayo. Ukwavuma ixabiso leelwimi nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kubonelelo lwemfundo kwizifundo, kunxibelelwano nakubomi beziko. Oku akubandakanyi imimandla yemfundo esesikweni neyolawulo kuphela, kodwa ikwabandakanya iinkqubo ezihambelana nezifundo nezasemva kwezifundo, iindawo zokuhlala nezibanzi kwikhampasi, apho iinkqubo zolwimi zibumba ukubandakanywa, ukuba ngumntu kunye namava omfundi. Ngaloo ndlela ulwimi lubekwe njengesenzeko eyingesiso esolwimi kuphela kodwa njengesienzo esithungelana ngokunzulu nobuni kwaye esibonakalisa iinqobo ezisemgangathweni zabantu, imbono yezithethe nokutshintsha kwamandla, ukuba ngamaqela nendlela esicinga ngayo ngehlabathi.

Ekuqhubeleni phambili ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengesixhobo nanjengomba ophambili wobuchule, uMgaqonkqubo uyayivuma into yokuba inkxaso yeziko ekusetyenzisweni kweelwimi iza kuxhomekeka kwimeko. Inkxaso inokubandakanya iinkonzo zoguqulo nezotoliko, uphuhliso lwezixhobo zokusetyenziswa kweelwimi ezininzi, notyalomali kubuchule obunxulumene nolwimi kuenye nezobuchwepheshe. Inkxaso elolo hlobo ibunjwa zizixhobo ezikhoyo, ezifana nenkxasomali yokuphunyezwa kweelwimi, kwaye ziphuhliswa ngokwandayo ukuze zibe nokusabela kwiimfuno kunye nezinto ezibalulekileyo zeziko.

Ngokwamkela le ndlela yokusebenza, lo Mgaqonkqubo ufuna ukwandisa ufikelelo, wenze nzulu intathonxaxheba nokuxhasa uthethathethwano olunokuba luncedo kuyo yonke imisebenzi yeYunivesithi.

## 2. Imeko yeelwimi ezininzi

Njengeziko eligxile kuphando elifikelela kuzwelonke nakwihlabathi jikelele, iSU itsala abafundi nabasebenzi abavela kwiilwimi ezahlukeneyo. Siyabuvuma kwaye siyabuxabisa ubutyebi bobulumko obufumaneka kuzo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika nezamanye amazwe. Siziqonda njengezixhobo zemveliso yolwazi, uphando nokuzibandakanya, zombini kwinqanaba leziko nakumntu ngamnye.

## 2.1. Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi liziko nangumntu omnye

UMgaqonkqubo weeLwimi awugxilanga kuphela kwimeko yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi leli ziko (o.k.t., ekwakheni imimandla yeziko eneelwimi ezininzi apho amaqela ahlukileyo abantu ephila kunye), kodwa sikwagxile nakwisakhono somntu ngamnye ekusebenziseni iilwimi ezininzi, kukwakhuthazwa kananjalo ukuba abantu basebenzise iilwimi ezingaphezulu kwesinye.

Ukutyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye kuthathelwa ingqalelo njengesixobo sezemfundo nesentlalo. Kwimeko yoMzantsi Afrika yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi , abafundi nabasebenzi sele bezise iirepertoires zeelwimi ezininzi— ukukwazi ukusebenzisa iilwimi ezininzi kunye nolwimi lwezizwana ngeendlela ezihambelanayo — ezinokuthi zisetyenziswe kwaye zandiswe ukuxhasa unxibelelwano, ukufunda nokuqonda kwiimeko ezahlukeneyo.

Ukwakha amathuba okusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye avumela abantu ukuba baphuhlise isakhono sabo sokusebenzisa iilwimi okanye iintlobo ngeentlobo zeelwimi ngeendlela ezahlukeneyo nakumanqanaba ahlukeneyo ngoobuchule. Njengoko amava abantu ngabanye olwimi kumxholo wenkcubeko esanda, abazigcini ezi lwimi neenkcubeko kumacandelo engqondo zahlukile ngokungqongqo. Endaweni yoko, akhulisa ubuchule bokunxibelelana, bokuthetha iilwimi ezininzi apho lonke ulwazi namava olwimi lunegalelo nalapho iilwimi zinxulumana kwaye zinxibelelane.

Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kunxibelelwano ngaphakathi nanaphandle kwegumbii lokufundela yindlela yokubonakalisa ubuchule bokuthetha iilwimi ezininzi. Nangona ke kubalulekile ukuvumela abafundi basebenzise izixhobo ezifana nesi sokunxibelelana kusetyenziswa iilwimi ezahlukeneyo njengesixhobo sokuthethana nokunxibelelana eklasini, sikwakho nesidingo sokuba abafundi bafunde ulwimi okanye iilwimi ngokusemthethweni, baze bakwazi nokusebenzisa neerejista zemfundo nezobugcisa kwezi lwimi. Kwangaxeshanye, lo Mgaqonkqubo ugxininisa ukufunyanwa nokusetyenziswa kolwimi lwezemfundo olusesikweni, kubandakanya isigama sobuchule nesommandla wezifundo, ukuze izakhono zokusetyenziswa iilwimi ezininzi zibonelele ngothethathethwano olunokuba luncedo kulwazi kunye namathuba omsebenzi endaweni yokuba zihlale zingumfuziselo. ICandelo 7.1 lalo mgaqonkqubo limisela indlela le miqathango esetyenziswa ngayo ekufundeni nasekufundiseni.

## 2.2. Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengesimo sengqondo nesenzo

Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi akuphelelanga nje ekubeni umntu akhuthalele ukufunda nokusebenzisa iilwimi eziliqela. Lo Mgaqonkqubo ukwagxile esekuphuhliseni ubandakanyeko lomntu wonke kwanokuthakazelelwa kwexabiso lokwahluka kwethu njengabantu. Ngoko ke, ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi *kukwasisimo sengqondo* esiququzelela amava enguqu kubafundi kwaye, ekugqibeleni, abe ngumthweswasidanga ogqibeleleyo. Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kukwaxhobisa abafundi ekubeni bakwazi ukufikelela kwisiseko solwazi olubanzi nolwahlukileyo, bakwazi nokusebenzisana noluntu ngohlobo oluchukumisa intliziyo, kungaphelelanga nje engqondweni; babe ngabasebenzi

abanesakhono sokumalana neemeko ezahlukahlukeneyo nabazi bezobuchwepheshe abanezakhono zokusombulula iingxaki, ezokuphulaphula nezokusebenzisana nabantu; kwaye bakhule babe ngabantu abagqibeleleyo nabanokuthatha izigqibo ezifanelekileyo nezingathatheli ngqalelo iingcinga nengqiqo yabo kuphela. Oku kuqinda, umzekelo, kuza kuvela elubala kwiindibano zeziko, apho kuza kwenziwa uhlolo lokuqala oluza kuphonononga iimfuno zolwimi nalapho kuza kuqhubeka khona unxibelelwano ngeelwimi ezahlukileyo. Kwakhona kuza kuthi kuvele ukuzimisela komntu ekufundeni nasekusebenziseni iilwimi ezahlukeneyo.

Koku kuzinikela kubanzi ekusetyenzisweni kweelwimi ezininzi, iSU ijolise kwiilwimi zayo kwiziko lesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa (ngolandelelwano lwealfabhethi), njengezona zezona lwimi zisetyenziswa kakhulu eNtshona Koloni nezimelwe ngokubanzi kuluntu lweYunivesithi. Ngelixa siqonda ukuba zonke iilwimi zibalulelike, ezi lwimi zintathu zibekwe phambili ukuze zisetyenziswe ngobuchule kwiimeko zezifundo, zolawulo, zomsebenzi wobungcali nakwintlalo. Ngoko ke, iYunivesithi ikhuthaza amathuba okubandakanywa kwezinye iilwimi zaseMzantsi Afrika, ezifana noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika (iSASL), apho kunokwenzeka oko.

**Iingqwalasela zomxholo zokukhetha iilwimi eziphambili, ezichazwe ngolandelelwano lwealfabhethi:**

2.2.1 **IsiAfrikaans** lolunye lweelwimi eziqondwa kakhulu eMzantsi Afrika kwaye lolona lwimi luthethwa khakhulu eNtshona Koloni. Lunodidi olusesikweni olusemgangathweni ukongeza kwiindidi zalo ezininzi ezithethwayo. Ulwimi lwesiAfrikaans ikwalwimi oluphuculiweyo olunolwazi oluninzi nolunamandla ngokwezemfundo, olwenziwe ngokuyinxenye yimbali yeYunivesithi negalelo layo eliqhubekayo. Olu lwimi lusixhobo esixabisekileyo esisetyenziswa ngokubanzi kuwo onke amanqanaba obomi boMzantsi Afrika, inkcubeko, imfundo noluntu.

2.2.2 **IsiNgesi** sisetyenziswa kakhulu eMzantsi Afrika nakwamanye amazwe, ingakumbi kwimfundo ephakamileyo, kwaye sisoloko sisetyenziswa njengolwimi oluqhelekileyo lonxibelelwano phakathi kwamaqela eelwimi ezahlukeneyo kwiimeko zentlalo, ezemfundo nezengcali.

2.2.3 **IsiXhosa** lolunye lweelwimi ezithethwa kakhulu eMzantsi Afrika naseNtshona Koloni. Kwiphondo, lulwimi lwenkobe lwesibini oluthethwa kakhulu (emva kwesiAfrikaans); kwaye lusetyenziswa kakhulu kunxibelelwano lwemihla ngemihla, ngakumbi kwiimeko zasezidolophini nakwiziphaluka zedolophu, nakwintlalo, inkcubeko, imfundo kunye nobomi boluntu. Njengolwimi oluphucuke ngokupheleleyo olunolwimi oluzinzileyo nolwandayo lwezifundo, isiXhosa singakwazi ukuvakalisa nokujongana neengcinga ezintsonkothileyo kuluhlu olubanzi lweengxoxo zezifundo, zomsebenzi wobungcali nakumxholo weelwimi.

2.2.4 **ULwimi lweZandla loMzantsi Afrika (iSASL)** lwamkelwe njengolwimi lonxibelelwano kwaye, ukususela ngo2023, lolunye lweelwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika. Nangona iSASL ingekabandakanywa ngokupheleleyo kuyo yonke imisebenzi yeYunivesithi, ukufakwa kwayo kulo

Mgaqonkqubo kubonisa ukuzibophelela kweSU ekufikeleleni, ukubandakanywa kunye nophuhliso oluthe ngcembe lwenkxaso yeziko kubafundi nabasebenzi abaziziThulu nabangeva kakuhle.

### 3. Ukusetyenziswa koMgaqonkqubo

Lo Mgaqonkqubo usebenza kubo bonke abafundi nabasebenzi baseSU. Ulawula ukusetyenziswa kweelwimi kuzo zonke iifakhalthi, iinkonzo yenkxaso kulawulo lwemisebenzi engemfundo, imibutho yabafundi neendawo zokuhlala, nawo onke amaqumrhu olawulo nolawulo; ngokwenjenjalo kuqinisekiswa ukungaguququguquki, ubandakanyo kunye nokufikeleleka kwiziko lonke.

Nangona lo Mgaqonkqubo ungasebenzi kunxibelelwano lweYunivesithi noluntu lwangaphandle kunye namahlakani, siyaqonda ukuba ulwimi lungundoqo ekubumbeni ufikelelo, ukuthatha inxaxheba kunye nentsebenziswano ehambelenayo noluntu. Kule meko, iSU izibophelele ekusebenziseni iilwimi ezifanelekileyo ngokwemeko, ezibandakanya wonke umntu kwaye eziphendulayo kuluhlu lweelwimi zoluntu esinxibelelana nalo, kangangoko kunokwenzeka ngokufanelekileyo kwiYunivesithi.

### 4. Ekujoliswe kuko ngulo Mgaqonkqubo

I-SU iyaqonda ukuba ulwimi lungaphezulu kokuba sisixhobo sonxibelelwano; lisango lolwazi, isixhobo sokufikelela kwingcingane zolwazi kunye nendlela yokubonakalisa ubuwena. Ngoko ke, injongo yalo Mgaqonkqubo kukukhuthaza indlela yokucinga ngeelwimi ezininzi. Njengoko ingumgaqonkqubo, ukwakumisa ngendlela, nokulawula ukusetyenziswa kweelwimi kwiinkalo zonke zeYunivesithi.

Lo Mgaqonkqubo ubonelela ngesikhokelo nemeko evumela:

- ukukhuthaza ukufikelela ngokulinganayo nokufikelela kwingcingane zolwazi kunye nokuthatha inxaxheba, ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo, uphando nefuthe kwezentlalo;
- ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwinqanaba leziko nomntu ngamnye.
- ukuqinisekisa ukuba ukusetyenziswa kweelwimi kubandakanya wonke umntu, zisetyenziswa ngokungqongqo ezifundweni kwaye zinoxanduva kuluntu;
- ukulondoloza nokuphucula ubutyebi bengqiqo, inkcubeko nentlalo yeelwimi zelizwe;
- ukomeleza indima yeSU njengeziko lesizwe nelizwe jikelele elibandakanyekayo, elahlukileyo neliphendulayo ngokwentlalo; kwaye
- ukuhlakulela ukuguqulwa kwekharityhulam ngenjongo kwimeko yokucamngca okubalulekileyo kwiinkqubo zolwazi negqiqo ebandakanyayo.

### 5. Iinjongo zalo Mgaqonkqubo

Iinjongo zalo Mgaqonkqubo weeLwimi waseSU zezi zilandelayo:

**5.1** Ukuphumeza amacandelo 29(2), 29(1)(b) nele9 oMgaqosiseko, ukuqinisekisa ukufikelela ngokulinganayo kwimfundo ephakamileyo apho kunokwenzeka ngokufanelekileyo kwaye uthintela ucalulo olungafanelekanga olusekelwe kulwimi.

**5.2** Ukumisela iSikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020) ngokuhambelana necandelo lesi3 nelama27(2) loMthetho weMfundo ePhakamileyo we101 ka1997 ukuxhasa iinkqubo zolwimi ezingqinelanayo nezibandakanya wonke umntu kwicandelo lonke.

**5.3** Ukuba negalelo kuMbono ka2040 weSU neSicwangciso soBuchule sika2026-2030, ngokwenjenjalo kukhuthazwa indawo ebandakanyayo, efikelelekayo negqwesileyo ngokwezemfundo kubafundi, abasebenzi nabachaphazelekayo.

**5.4** Ukuququzelela imisebenzi yezemfundo neyolawulo kuyo yonke iSU, ehambelana nemixholo yethu engundoqo yesicwangcisoqhinga: iSU ephumelelayo, amava abafundi abonakalisa inguqu, intsebenziswano eneenjongo kunye nothungelwano olubandakanya bonke abafundi, ukufundisa nokufunda ngentsebenziswano, uphando olunefuthe, neSU njengomqeshi okhethekayo.

**5.5** Ukuhlanganisa nokwandisa uluhlu lwesakhono sokuthetha iilwimi ezininzi zabafundi nabasebenzi kuzo zonke iinkazo zasekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo, uphando, ifuthe kwezentlalo, ulawulo nemisebenzi ehambelana nekharityhulam, ukuqaphela iyantlukwano yeelwimi kunye neziyelelane kuluntu lweYunivesithi.

**5.6** Ukukhuthaza indlela yokucinga ngeelwimi ezininzii exabisa ukwahluka kweelwimi njengomthombo wentsebenziswano ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo, kunye nokuveliswa kolwazi, ngelixa ikhuthaza ukuvuleleka kwiindlela ezahlukeneyo zokucinga, ukunxibelelana nokuba ngumntu. Ngokwenza njalo, iYunivesithi ifuna ukuhlakulela inkcubeko yeziko ebandakanya wonke umntu, eyamkelekileyo nephendulayo eluntwini.

## 6. Imiqathango yoMgaqonkqubo

Lo Mgaqonkqubo weeLwimi ukhokelwa yimiqathango yesiqhelo ebumba ukutolikwa nokuphunyezwa kwayo kuzo zonke iinkalo zobomi beYunivesithi. Le miqathango iqinisekisa ukuba ukusetyenziswa kweelwimi eSU kuxhasa ubulungisa, ukufikelela, ubandakanyo nokugqwesa ezifundweni.

**6.1.** Ngokuhambelanayo nesiSikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020), isakhono somntu okanye sentlalo sokusebenzisa iilwimi ezininzi kumele sibonwe njengesixhobo sokwenza kube lula ukuzuza uphuhliso lwengqiqo, ukufikeleleka lula kolwazi, ubandakanyeko lomntu wonke, inguqu, umanyano lwentlalo kwanokuhlonitshwa kwazo zonke iilwimi.

**6.2** Ulwimi eSU kufuneka lwandise ufikelelo kwaye lwandise impumelelo kwiimeko zemfundo, ezolawulo, zobungcali nezentlalo. Akufanelanga kube ngumqobo kubafundi okanye kubasebenzi, ngokwemigqaliselo yoMgaqosiseko yokulungisa ucalucalulo lwangaphambili nokuthintela ucalucalulo oluthe ngqo okanye olungathanga ngqo.

**6.3** onke imiba yoMgaqonkqubo nokuphunyezwa kwawo kufuneka isekelwe yimigaqo yokufundisa evakalayo, exhasa iziphumo zokufunda zabafundi ezinentsingiselo nezinempumelelo.

Ngokusekelwe kwimiqarhango esisiseko ekhankanywe ngasentla, iSU iyazibophelela koku kulandelayo:

**6.4** I-SU iyaziqonda iilwimi neendidi zeelwimi ezisetyenziswa ngabafundi nabasebenzi, ithathela ingqalelo izinto abazikhethayo namanqanaba abo obuchule.

**6.5** I-SU iyayivuma indima entsonkothileyo yeelwimi kuluntu, kwanokuba zonke iilwimi zizixhobo eziluncedo ekukhuliseni ulwazi nokusetyenziswa kwazo kwizifundo.

**6.6** I-SU isebenzisa iilwimi zayo ezikhethiweyo ngeendlela ezibandakanya bonke abafundi, abasebenzi nabachaphazelekayo, ukudala ukufikelela okulinganayo ekufundiseni, ukufunda, nakuvavany, nakwiinkqubo zolawulo.

**6.7** I-SU iyayiqonda into yokubaiIzakhono zemfundo enomsila luntsonkothile kwaye luphuhla kumacandelo athile. Abafundi bakhela obu buchule kwisiseko seelwimi, iziyelelane kunye neendidi abasele bezazi. Izakhono zemfundo enomsila zibandakanya ulwazi olubonwayo nolwedijithali kwakunye nokukwazi ukuqonda nokusebenzisa ulwimi olusesikweni nolungqale, kwimimandla ekusetyenziswa kuyo iilwimi.

I-SU iyakuxhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo kunye nophando, kwaye iqinisekisa ukuba zonke iilwimi – kubandakanywa iilwimi zesiNtu – zisebenza njengeelwimi zokufundisa, ukufunda, kuvavanyo nezifundo. Umsebenzi oqhubekayo kumanqanaba kazwelonke noweziko ufuna ukomeleza nokwandisa ukusetyenziswa kwawo kwiimeko zemfundo, kubandakanywa ngamaphulo esebe nawekharityhulam, uphuhliso lwesigama neeprojekthi zentsebenziswano.

Abafundi bayakhuthazwa ukuba bathathele kuluhlu lwesakhono sokuthetha iilwimi ezininzi—ubuchule bokusebenzisa iilwimi ezininzi neziyelelane ngeendlela ezihambelanayo—ukuzibandakanya ngokufanelekileyo kumxholo wezemfundo.

**6.8** I-SU iseka iinkonzo zeelwimi kunye neenkqubo zophuhliso lwabasebenzi bezemfundo, kwaye ityale imali kuphuhliso olukhokelwa luphando nokusetyenziswa kobuchwepheshe obufanelekileyo, ukuxhasa ukuphunyezwa ngempumelelo kwalo Mgaqonkqubo (jonga ku7.7).

**6.9** Lo Mgaqonkqubo weeLwimi nokuphunyezwa kwawo kukhokelwa yinto enokwenzeka ngokufanelekileyo kwiimeko ezithile. Iingqwalaselo ezifanelekileyo zibandakanya imiqathango , kodwa ingaphelelanga apho, esisiseko ecaciswe ku6.1 ukuya ku6.3, inani labafundi abanokuxhamla kwindlela ethile yokuphunyezwa, ubuchule bolwimi lwezifundo zabafundi, ukufumaneka nobuchule bolwimi lwabasebenzi, uphuhliso kulwimi olukhokelwa kuphando nobuchwepheshe boguqulo, imiqobo yethayimthebhile kunye neendawo, kunye nezibonelelo ezikhoyo zeYunivesithi kunye nezixhobo ezikhuphisanayo.

## 7. Imimiselo yoMgaqonkqubo

Imigaqo yalo mgaqonkqubo ekumhlathi 6 idandalazisa ezi zibonelelo zilandelayo zomgaqonkqubo nekufanele zithotyelwe:

### 7.1 Ukufunda nokufundisa

IYunivesithi yaseStellenbosch ikuxabisile ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwaye iyabuqonda ubukrelekrele, inkcubeko nobutyebi bentlalo bazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika nezamanye amazwe, apho isiAfrikaans, isiNgesi nesiXhosa zisebenza njengeelwimi zeziko ezingundoqo ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo kwakunye nophando nezolawulo. Ngokuthathela ingqalelo isinyanzeliso soMgaqosiseko sokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kunye nokufikelela ngokulinganayo kwimfundo, isiAfrikaans nesiNgesi zisebenza njengeelwimi zokufundisa kwiiklasi zethu (kuxhomekeke kwizibonelelo zeziko nenani labasebenzi), ngelixa isiXhosa sixhaswa ngakubanzi apho kunokwenzeka.

Ukufunda eSU kwenzeka nakwiimeko ezingacwangciswanga, ezihambelana nekharityhulam nakwintlalo - kwiindawo zokuhlala, amaqela okufunda, uthethwano, iindawo ezixhasa ukufunda nokufundisa namaqonga eintanethi – apho abafundi nabasebenzi banokuzoba kwiincwadi zabo ezipheleleyo zolwimi ukuze kuphuculwe ukuqonda, ukubandakanyeka nokwakha ulwazi ngentsebenziswano.

7.1.1 Ngokomoya wonxibelelwano kusetyenziswa iilwimi ezahlukileyo, lo mgaqonkqubo ubonelela ngamathuba osetyenziso oluguquguqukayo lweelwimi zokufunda nokufundisa kwiizifundo zamaqelana, iipraktikhali, uthethathethwano, amaqela okufunda, iindawo zenkxaso yokufunda namaqonga eintanethi. Unxibelelwano ngeelwimi ezahlukileyo kwiilwimi ezininzi luyakhuthazwa ukuxhasa nokwandisa iziphumo zokufunda nokuthatha inxaxheba.

I-SU ilandela imiqathango yonxibelelwano ngeelwimi ezahlukileyo ngezi ndlela zilandelayo:

- Ukhuthaza abafundi nabasebenzi ukuba bathathele kuluhlu lwabo sesakhono sokuthetha iilwimi ezininzi zabo ezipheleleyo zeelwimi ezininzi ukuququzelela ukuqonda, ukuzibandakanya kunye nokuthatha inxaxheba okunentsingiselo kwimisebenzi yezemfundo.
- Uxhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengesixhobo sokucacisa, ingxoxo kunye nokusombulula iingxaki ngentsebenziswano, ngelixa kugcinwa ukucaca nokuthembeka komxholo wezifundo.
- Ubonelela abasebenzi bezemfundo ngesikhokelo kunye nezibonelelo, apho kunokwenzeka ngokufanelekileyo, ukudibanisa izenzo zeelwimi ezininzi ngempumelelo ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo, Inkxaso enjalo iquka izixhobo zokufunda ezichonga ulwimi, ukuyila uvavanyo, ukusebenzisana kwigumbi lokufundela kunye nokusetyenziswa okucingisisiweyo, okukhokelwa luphando lweetekhnoloji ezifanelekileyo ukuxhasa ukubandakanyeka kunye nokufikelela kwiilwimi ezininzi.

- Uyayamkela into yokuba iilwimi zesiNtu zisebenza njengeelwimi zokufundisa, zokufunda novavany, Siyakuxhasa ukusetyenziswa nophuhliso lwazo apho kunokwenzeka ngokufanelekileyo, kubandakanya amaphulo esebe, uphuhliso lwesigama kunye neeprojekthi ezikhokelwa luphando.

Ezi zibonelelo zijolise ekukhuthazeni imeko yokufunda nokufundidsa ebandakanyayo, enobulungisa nenobutyebi bokuqonda apho bonke abafundi banokufikelela, babandakanyeke kwaye babe negalelo kulwazi, ngelixa bekwaphuhlisa ubuchule bokufunda obufunekayo ukuze baphumelele kwiinkalo zabo.

7.1.2 Iimodyuli zabo bangekathweswazidanga zinikezelwa ngazo naziphi iindlela ezidandalaziswe ku7.1.3, 7.1.4 naku7.1.5. Xa kujongwa iimodyuli zaba bafundi bangekathweswazidanga ezo zifundo zinikezwa ngokomgangatho obizwa ngeSikhokelo seSizwe seziQinisekiso zeMfundo (iNQF) kwinqanaba lesi8, umhlathi wesi7.1.8 uyasebenza.

7.1.3 Kwiimodyuli zabo bangekathweswa zidanga, apho kukhangeleka kunokwenzeka ngokulula kwaye kufundiseka ngokugqibeleleyo kangangokuba kwenzeke ukuba kubekho **amaqela eklasi amabini nangaphezulu**:

7.1.3.1 Izifundo ezahlukeneyo ziqhutywa ngesiAfrikaans nangesiNgesi.

7.1.3.2 Amathuba okufunda afana nemisebenzi yamaqela, imisebenzi emiselweyo, izifundo ezinikezwa kumaqelana nakwimisebenzi eyenziwayo equka abafundi abasuka kumaqela eelwimi ezahlukeneyo, zonke ezi zinto ziyasetyenziswa ekuphuculeni umanyaniso ngaphakathi kwiimodyuli nakwiinkqubo zemfundo.

7.1.3.3 Abafundi baye baxhaswe ngesiAfrikansi nangesiNgesi xa bekwizifundo ezinamathuba achanekileyo akhuthaza ukufunda bedibene kwisifundo esinye (umzekelo, iindibano ngexesha lomsebenzi okanye ngexesha elisikelwe izifundo zamaqelana nelemisebenzi eyenziwayo kwizifundo zabo).

7.1.4 Ngokuphathelele neemodyuli zabo bafundi bangekathweswa zidanga apho kusetyenziswa isiAfrikaans nesiNgesi **kwiqela leklasi enye** umanyaniso lwamathuba okufunda alungiselelwa lula ngolu hlobo:

7.1.4.1 Kwisifundo ngasinye, noko lonke ulwazi luye lugqithiselwe ngesiNgesi, ukuze izishwankathelo nogxininiso lomongo zinikezwe nangesiAfrikaans. Imibuzo engesiAfrikaans nesiNgesi xa kukhangeleka kunokwenzeka, iye iphendulwe ngolwimi ekubuzwe ngalo umbuzo.

7.1.4.2 Abafundi baye baxhaswe ngesiAfrikaans nangesiNgesi xa bekwizifundo ezinamathuba achanekileyo akhuthaza ukufunda bedibene kwisifundo esinye (umzekelo, iindibano ngexesha lomsebenzi okanye ngexesha elisikelwe izifundo zamaqelana nelemisebenzi eyenziwayo kwizifundo zabo.)

7.1.4.3 Kwiimodyuli zonyaka wokuqala, iSU yenzwa utoliko olwenzeka ngaxeshanye lube khona kuzo zonke izifundo, nokuba kuseklasini okanye kwi-intanethi. Kwizifundo zonyaka wesibini nezeminyaka elandelayo, iSU yenza kufumaneke utoliko olwenzeka ngaxesha linye nesifundo xa kuceliwe yifakalthi, xa izidingo zabafundi zigunyazisa inkonzo elolu hlobo kwaye ibe neSU inazo izixhobo zokunikezela ngaloo nkonzo. Xa kuye kwagqitha iiveki ezimbini kungekho mfundi uzisebenzisayo ezi nkonzo zotoliko kulo modyuli, ukutolika kunganqunyanyiswa.

7.1.5 Kwezi meko zilandelayo, izifundo zabafundi abangekathweswa zidanga ziza kunikezelwa **ngolwimi olunye kuphela**:

7.1.5.1 Kwiimodyuli ezijolise ngokukodwa kulwimi oluthile, imfundo inokuqhutywa ngokupheleleyo kolo lwimi. Kwiimeko ezikhethekileyo, oku kunokusebenza kwamanye amacandelo ezifundo, njengeemodyuli ezikhethekileyo apho ulwimi olunye lunokusetyenziswa ngenxa yezizathu zokufundisa okanye zomsebenzi wobungcali. Iimeko ezinjalo kulindeleke ukuba zibe mbalwa kwaye zithetheleleke, kwaye azibandakanyi ukukhululwa ngokubanzi kukuzinikela koMgaqonkqubo ekufundeni nasekufundiseni ngeelwimi ezininzi.

7.1.5.2 Xa umhlohli ojongene nalo klasi ekwazi ukufundisa ngesiAfrikansi okanye ngesiNgesi kuphela. Ngokwezi modyuli zilandelayo, inkxaso eyongeziweyo iyanikezwa.

(a) Ukuba izifundo zingesiAfrikaans, iSU yenza kubekho utoliko oluqhubeka ngaxeshanye ngesiNgesi kwizifundo, nokuba kuseklasini okanye kwi-intanethi. Ukuba izifundo zingesiNgesi, iSU yenza kubekho utoliko oluqhubeka ngaxesha linye lweemodyuli zabafundi abenza unyaka wokuqala zifumaneke ngesiAfrikaans kwigumbi lokufundela kwisifundo ngasinye. Kwizifundo zonyaka wesibini okanye zeminyaka elandelayo, iSU yenza kubekho utoliko oluqhubeka ngaxesha linye ngesiAfrikaans, kwindawo ekufundelwa kuyo okanye ngeintanethi, oku kube kuceliwe yifakalthi ukuba izidingo zabafundi zigunyazisa le nkonzo iSU iyayinikezela. Xa kuye kwagqitha iiveki ezimbini kungekho mfundi uzisebenzisayo ezi nkonzo zotoliko kulo modyuli, ukutolika kunganqunyanyiswa.

(b) Ukongeza koko kuzuzwa kwizifundo naxa imeko ivuma, kubakho amathuba emfundo achanekileyo nalungiselelwe abafundi, (umzekelo, iindibano ngexesha lomsebenzi okanye ngexesha elisikelwe izifundo zamaqelana nelemisebenzi eyenziwayo kwizifundo zabo) ukuze zifumaneke ngesiAfrikaansnangesiNgesi.

7.1.5.3 Imodyuli inokuqhutywa ngesiAfrikaans okanye ngesiNgesi kuphela ukuba bonke abafundi abakwiqela leklasi bamenyiwe ukuba bavote

(ngevoti eyimfihlo) kwaye bavumelane ngamxhelo mnye; ngaphandle kokuba abahlohli nabancedisi bootitshala abachaphazelekayo banobuchule obuyimfuneko bolwimi kwaye bayavumelana ukwenza oko.

7.1.6 Ukongeza kwizifundo, kwaye kuxhomekeke kwiimfuno zabafundi nokuba yintoni enokwenzeka ngokufanelekileyo, iSU inokubonelela ngoluhlu lweICT-ephuculweyo kunye nezicwangciso zokufunda ezincediswa yiAI. Oku kunokubandakanya ushicilelo olufundisayo lokuthethwayo kunye/okanye lwevidiyo, amaqonga edijithali asebenzisanayo nezixhobo zokufunda eziguquguqukayo, ezinokufundiswa ngesiNgesi kunye/okanye ngesiAfrikaans kwaye, apho kunokwenzeka, ngesiXhosa kunye/okanye iSASL.

Ezi ndlela zenzelwe ukuncedisana – hayi ukuthatha ndawo – yokufundisa kwabantu ngokuxhasa ukufunda okuzifundisayo, ukubethelela iingcamango nohlaziyo. IYunivesithi iyaqonda ukuba uguqulo notoliko olusekelwe kwiAI alubambi ngokufanayo kuzo zonke iilwimi, ngakumbi iilwimi zesiNtu neSASL, kwaye ke ngoko ikhuthaza ukusetyenziswa kwazo okuthathelwe ingqalelo, okukhokelwa luphando. I-SU izibophelele kuphuhliso oluqhubekayo, uvavanyo nokuphuculwa kobugcisa obunjalo ukwandisa ukuchaneka kwabo, ukufikeleleka nexabiso lokufundisa kwiimeko zokufunda ngeelwimi ezininzi.

7.1.7 Izixhobo zokufunda zabafundi abangekathweswa izidanga zibakho ngezi ndlela zilandelayo:

7.1.7.1 Zonke izixhobo zokufunda ezimiselweyo ziza kunikezwa ngesiNgesi, ngaphandle kokuba imodyuli leyo iqhutywa kwangolo lwimi luthile.

7.1.7.2 Izixhobo zokufunda ezimiselweyo (ngaphandle kwezo zishicilelweyo) zinikezwa ngesiAfrikaans xa imeko ivuma okanye kukhangeleka kunokwenzeka ngempumelelo oko.

7.1.7.3 Izikhokelo zeemodyuli zaseSU kuquka nezikhokelo zezifundo ziyafumaneka ngesiAfrikaans nangesiNgesi.

7.1.7.4 Apho kukhangeleka kunokwenzeka naxa kukho izidingo ngokwenzululwazi yokufundisa, isiXhosa nezinye iilwimi siyasetyenziswa ngeenjongo yokuzinzisa ulwazi ngakumbi, umzekelo, oku kusenziwa ngokusebenzisa isigama seelwimi ezininzi samagama aphambili nesigama sezemfundo.

7.1.8 Kwimeko yokufunda nokufundiswa kwabo bafundi sele bethweswe izidanga (ngaphandle kweemvavanyo oluchazwa ekujongwana nazo ku7.1.9), kuquka neemodyuli zabo bangekathweswa zidanga kwinqanaba lesi8 leNQF kuquka nesiqinisekiso sabafundi abasele bethweswe izidanga kwinanaba lesi7 leNQF, isiNgesi okanye ezinye iilwimi zingasetyenziswa, kodwa kuphela xa abahlohli okanye abafundi ababandakanyeka kuloo modyuli benolwazi olugqibeleleyo kwezinye iilwimi.

7.1.9 Amaphepha emibuzo eemodyuli zezifundo zabo bangekathweswazidanga, kuquka meemodyuli zenqanaba lesi8 leNQF, ayafumaneka ngesiAfrikaans nangesiNgesi. Abafundi banokuphendula zonke iimvavanyo baze bangenise yonke imisebenzi ebhaliweyo ngesiAfrikaans okanye ngesiNgesi okanye, ngokwenza amalungiselelo kwangaphambili kwaye ngaphandle kokuba umhlohli unolwazi olwaneleyo lwesiXhosa ukuze ahlele uvavanyo, ngesiXhosa.

7.1.10 Amaphepha emibuzo eemodyuli zabafundi abasele bethweswe izidanga, noko ayafumaneka ngesiNgesi. Abafundi bavumelekile baziphendule zonke iimvavanyo baze bangenise imisebenzi ebhaliweyo ngesiNgesi okanye, ngokwenza amalungiselelo kwangethuba nomhlohli kunye nomphononongi/umvi wangaphandle benolwazi olugqibeleleyo ekubeni bakwazi ukuhlela iimvavanyo ngesiAfrikaans okanye isiXhosa.

7.1.11 Abafundi abakhubazekileyo ekufundeni izinto eziprintiweyo abadinga uncedo ngezinto zokufunda ezingafikelelekiyo banokuqhagamshelana neOfisi yeziBonelelo kwiYunithi yoKhubazeko Amagosa ezibonelelo ancedisa ekwenzeni loo mathiriyeli ifumaneke ngebraille, ifonti eyandisiweyo okanye iifomathi zeelektroniki ezinokufundwa ngezobuchwepheshe obincedisayo.

7.1.12 Nanjengoko iSASL ilulwimi olusisiseko lwabanye abantu abaNgevayo kakuhle, itoliki yeSASL okanye ubhalo lwezihloko ebhodini ibakho ngelixa kufundiswa, kwizifundo zamaqelana nakwimisitho ezukileyo kawonkewonke yaseSU, kodwa oku kwenzeka xa kuyimfuneko naxa kubonakala kunokwenzeka ngokulula.

7.1.13 IiFakhalthi zinokuthi zikhuthaze ukuba zingachaphazeleki kumalungiselelo angaphantsi ko7.1 kwiimeko ezithile, oko kwenziwa kuphela kuba oko kungachatshazelwa:

7.1.13.1 kuhlala kuhambelana nemiqathango yalo Mgaqonkqubo; naxa

7.1.13.2 kuthetheleleka zizibonelelo zoluntu nezasemzimbeni ezifumanekayo kwiYunivesithi, nangeenkxalabo zokufundisa ngeengqwalaselo ezithe ngqo kwifakhalthi; kwaye

7.1.13.3 kwamkelwe yibhodi yefakhalthi echaphazelekayo, kuchazwe (kunye nenkuthazo) kwisiGqeba soLwulo kwaye ekugqibeleni kwamkelwe sisiGqeba soLawulo (okanye, xa ingxamisekile, yiKomiti eLawulayo yeCandelo leNqununu).

### 7.2 Unxibelelwano lwangaphakathi

7.2.1 Lonke unxibelelwano lwangaphakathi olusemthethweni kwiziko lugqithiselwa ngesiAfrikaans, isiNgesi nangesiXhosa. Imigaqonkqubo yeziko iguqulelwa esiXhoseni ngokuhambelana nophuhliso lwemigaqonkqubo enjalo ngesiAfrikaans nesiNgesi.

7.2.2 Ulwimi okanye iilwimi ezisetyenziswayo kwimihlangano yangaphakathi, kufuneka zijoliswe ekuqinisekiseni ukuba wonke umntu uyabandakanyeka kwaye unakho ukuthatha inxaxheba.

7.2.3 Imibuzo yomlomo nebhaliweyo kunye nezicelo zabafundi kunye nabasebenzi zisingathwa ngolwimi lombuzo okanye isicelo, apho kunokwenzeka ngokufanelekileyo.

7.2.4 IsiAfrikaans, isiNgesi nesiXhosa zisetyenziswa ngokufanelekileyo kuyo yonke imisitho esemthethweni efana nemihlangano esemthethweni, ngamaxesha emisitho, nakwizifundo zokubekwa ngokusesikweni kweeNjingalwazi.

7.2.5 Kwiindawo zabafundi, ulwimi lusetyenziswa ngendlela eqinisekisa ukuba wonke umntu uyabandakanywa kwaye akwazi ukuthatha inxaxheba.

7.2.6 Ezi zibonelelo zilandelayo xa abasebenzisi bolwazi lobugcisa behlanganisa izixokelelwano zobugcisa bolwazi bale mihla (iIT) nezixhobo ezisetyenziswa kubuxhakaxhaka bale mihla, kuquka nezixokelelwano zokulawulwa komongo womnathazwe weintanethi:

7.2.6.1 Apho ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kusenzeka nje ngokulula (umz. apho iSU inokuba negalelo ekuphuhlisweni kwesixhobo esithile esisebenza sesoftware (sobuxhakaxhaka bekhompyutha), okanye xa inkqubo yobuxhakaxhaka ixhasa oku, okanye ibe yiSU eyile esi sixhobo sobuxhakaxhaka), iSU ixhasa isiAfrikaans nesiNgesi kuxhomekeke kulwimi olukhethwa ngulowo ulusebenzisayo.

7.2.6.2 Xa kusetyenziswa iinkqubo zorhwebo zezixhobo zesoftware (ubuxhakaxhaka bekhompyutha), ulwimi lwesiNgesi lusebenza ngokuzenzelekayo.

7.2.6.3 Xa ulwimi olukhethwa ngulowo usebenzisa ezi zixhobo lungaziwa, unxibelelwano luza ngqo kwisiNgesi.

7.2.7 La malungiselelo alandelayo asetyenziswa kwizixokelelwano zolwazi okanye kwidatha yezixhobo zobuxhakaxhaka bale mihla:

7.2.7.1 Xa kunakho ukwenzeka ngokufanelekileyo, idatha okanye ulwazi olubhekiselele kumntu othile kumele lube ngeelwimi ezahlukeneyo.

7.2.7.2 Xa uyilo lwedatha okanye lolwazi lubandakanya ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi nezahlukileyo naxa oku kukhangeleka kunokwenzeka, unxibelelwano olunxulumene nomsebenzisi wobuxhakaxhaka bale mihla obufana nekhompyutha engokufakwa kwedatha, kumele ikuxhase ukufakwa kwedatha ngokuthi kusetyenziswe phazulu kolwimi olunye.

7.2.7.3 Xa uyilo lwedatha lulungiselela ulwimi olunye kuphela, kusetyenziswa isiNgesi.

7.2.7.4 Malunga nayo yonke enye idatha, kusetyenziswa isiNgesi.

### 7.3 Unxibelelwano lwangaphandle

7.3.1 IsiAfrikaans nesiNgesi kwaye, xa kukhangeleka kunokwenzeka nesiXhosa ngokufanelekileyo, ziilwimi zaseSU kunxibelelwano lwangaphandle.

7.3.2 I-SU iyayihlonipha imigaqonkqubo yeelwimi kwaneelwimi ezikhethwa ngabaxhasi bayo, amaqabane ayo kunye nabo inxibelelana bangaphandle Ngoko ke iza, kuzamkela iilwimi ezikhethwa ngabaxhasi kangangoko kunokwenzeka. Xa iSU ikhangeleka ingakwazi ukuvuma nokubandakanya iilwimi ezikhethwa ngabaxhasi bayo, ulwimi ekuye kunxityelelwane ngalo sisiNgesi.

7.3.3 Iinkqubo ze-IT okanye izibonelelo zomsebenzisi zabachaphazelekayo (umz. kwialumnayi, abaxhasi nabazali okanye abagcini) ziqwalaselwa kumhlathi we7.2.6.

### 7.4 Ucwangciso lweelwimi

7.4.1 Rhoqo ngonyaka, uSekela weSekela NGqonyela (iDVC): wezeMfundo uvumelana neentloko zeefakhalthi kwakunye neentloko zezikolo malunga neendlela zokuqinisekisa uxanduva lokuphendula malunga nokuphunyezwa kwalo Mgaqonkqubo. Ezi kufuneka zibandakanye ubincinane ingxelo yonyaka ngokumalunga nesicwangciso sokuphunyezwa kweelwimi kwifakhalthi nganye nakwisikolo ngasinye (jonga ku8.2), konke oku kusenziwa kuhlonitshwa imiqathango yalo Mgaqonkqubo ecaciswe kui6 ukuya ku7.4.2.1 ukuya ku7.4.2.3

I-DVC: yezeMfundo inika ingxelo rhoqo ngonyaka, zingadlulanga iintlanganiso zokugqibela zesiGqeba soLawulo nezeBhunga kuloo nyaka, ngokudlula kwiCandelo leNqununu ukuya kwiBhunga ngezi ndlela zikhankanywe ngasentla zokuphendula kunyaka olandelayo.

7.4.2 Ifakhalthi nganye ichaza indlela eza kuwumisela ngayo lo Mgaqonkqubo kwisicwangciso sayo sokumiselwa kolwimi, nekumele sijoliswe ekuqinisekiseni ukuba zonke iimodyuli ziyafikeleleka kwaye nokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kuphuhliswa ngeenjongo ezakhayo ukuze:

7.4.2.1 kugcinwe ukufundisa ngesiNgesi ukuphumeza ukufikeleleka ngokupheleleyo kweSU kwabo bafundi banelungelo nababonakala benokuzifeza izidingo zokufunda kweli ziko, kwanabo bafundi sele bekunye nathi, nabakhetha ukufunda ngolwimi lwesiNgesi;

7.4.2.2 kube nokulawulwa ngokuchanekileyo kokufundiswa ngesiAfrikaans nokugcinwa ukufikeleleka kweSU kwabo bafundi abakhetha ukufundiswa ngesiAfrikansi, kuquka nokuphuhliswa ngakumbi kolwimi lwesiAfrikansi njengolwimi lokufundisa xa oku kukhangeleka kunokwenzeka ngokufanelekileyo; kwaye;

7.4.2.3 kusetyenziswe nesiXhosa kwimeko apho kufumaniseka kunokwenzeka ngokufanelekileyo oku, naxa kukhangeleka kufundiseka ngokulula nangokungenabunzima.

Xa kuqulunqwa izicwangciso sokuphunyezwa kweelwimi ngokomqathango wesi7.4.2, iifakhalthi zikhuthazwa ukuba zenze oku kulandelayo:

- Ziqnisekise ukuba iimodyuli ziyilelwe kwaye zinikezelwe ukuze kwandiswe ukufikeleleka kwabafundi kuzo zonke iilwimi zeziko leSU.
- Zikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi okunenjongo, kubandakanya unxibelelwano kusetyenziswa iilwimi zesiNtu apho oko kunokwenzeka nangendlela yokufundisa.
- Zibonelele ngesikhokelo malunga nophuhliso lwabasebenzi, izibonelelo zokufunda nenkxaso yezobuchwepheshe – kubandakanywa i-ICT nezixhobo ezincediswa yiAI – ukuphucula ukusetyenziswa keelwimi ezininzi ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo.
- Zibandakanye iindlela zokubeka iliso, zovavanyo nokuphuculwa okuqhubekayo ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolwimi inegalelo kubulungisa, impumelelo ezifundweni nendawo yokufunda ebandakanyayo.

7.4.3 Ubuncinane kanye ngonyaka, ifakhalthi nganye kufuneka ihlole ukusetyenziswa kweelwimi ekufundiseni, ekufundeni nakuvavanyo, kwaye kufuneka ibhale phantsi amalungiselelo olwimi kwisicwangciso sayo sokuphunyezwa kolwimi. Eso sicwangciso sithunyelwa kiwiwGqeba soLawulo, sibe sisuka kwibhodi yefakhalthi nakwisiGqeba soLawulo seKomiti yokuCwangciswa kweziFundo (iAPC). IsiGqeba soLawulo sinngasamkela isicwangciso sefakhalthi sophunyezwa kweelwimi okanye sisibuyisele kwifakhalthi leyo, sihamba okanye singahambi namiqathango. Xa siye samkelwa, amalungiselelo olwimi lokufundisa, ukufunda nokuvavanywa kwemodyuli ethile aye apapashwe kwizikhokelo ezijongene naloo modyuli.

7.4.4 Naluphi na utshintsho kumalungiselelo olwimi kwisicwangciso sokumiselwa kolwimi lwefakhalthi, noluhamba ecaleni kwinkqubo yophononongo eqhelekileyo, kodwa lube luyimfuneko mhlawumbi kwiqela elithile labafundi ngokuphathelele kolo lwimi bakhetha ukufundiswa ngalo, iimeko zokufundiswa okanye ukungabikho komhlohli onolwazi olugqibeleleyo lolo lwimi, utshintsho olunxamnye noku lungenziwa ngusihlalo welo sebe kunye nengqonyela yaloo fakhalthi emva kokuba bedibene nekomiti yefakhalthi ejongene nemicimbi yezemfundo. Lonke utshintsho olulolu hlobo kumele luchazwe kwindibano yebhodi yefakhalthi elandelayo nakwintlanganiso sesiGqeba soLawulo Abafundi bemodyuli ezichaphazelekayo kufuneka baziswe ngotshintsho kunye nezizathu zolu tshintsho ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka; ngokusebenzisa amaqonga olawulo ukufunda.

7.4.5 Iziko ngalinye loxanduva (iRC ngamafutshane nangokwasemzini), kuquka namacandelo ajongene neenkonzo zemisebenzi engemfundo naleyo yenkxaso kulawulo, kuquka nemibutho yabafundi kufuneka zikuphononongа rhoqo indlela ezisebenzisa ngayo iilwimi kwimimandla ezisebenza kuyo, zize zishicilele amalungiselelo olwimi kwizicwangciso zokumiselwa kolwimi kuloo macandelo azo. Ezi zicwangciso zihlanganiswa kwinqanaba leRC kwaye

zixelwe kwisiGqeba soLawulo ngeAPC yayo. IsiGqeba soLawulo sinokwamkela isicwangciso seRC sokuphunyezwa kweelwimi okanye isibuyisele kwiRC, nokuba kukho okanye akukho miqathango.

### 7.5 Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi

7.5.1 Iziko lweeLwimi, iifakhathi, amasebe eelwimi, iinkonzo zemisebenzi engemfundo kwanezo zenkxaso kulawulo, amaqumrhu olawulo naphetheyo kuquka nabafundi, bonke bayaphathisana ngoxanduva lokuqhubela phambili nokuphucula isakhono somntu ngamnye kwaneziko ngokubanzi ekusetyenzisweni kweelwimi ezahlukeneyo eSU.

7.5.2 ISU iphuhlisa ize ikhuthaze iintshukumo ezintsha ezibonakalisa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi nokunxibelelana ngeelwimi ezahlukeneyo, ngokuthi inikeze ingxowamali ephuma kweli ziko, umzekelo, ukwandisa amathuba okufundisa ngeelwimi eziliqela endaweni yolwimi olunye kwiifakhalthi; ukwenziwa kophando ngolwimi, ukwabelana ngolwazi olungokwenzeka konxibelelwano oluncomekayo ngeelwimi ezininzi okanye ngeencoko ezingelwimi ezahlukeneyo; ukunikeza ngezibonelelo nophuhliso lwabasebenzi ukuze kube nokusetyenziswa kweICT kunye nezicwangciqhinga zeAI eziphucula ukufunda; ukuxhaswa kwamaphulo agxile kwizakhono ezithile zemfundo, kwanokusungula amaqhina entsebenziswano phakathi kweeyunivesithi esisebenzisana nazo nangaphakathi apha kwiyunivesithi yethu, ingakumbi amaqhina entsebenziswano ajolise ekuphuhliseni nasekuzinziseni iilwimi ezisemthethweni nezinye iilwimi zoMzantsi Afrika.

7.5.3 I-SU iyayixhasa imisebenzi yophando ebhalwe ngesiAfrikaans kwanokuqhubekeka kusetyenziswa isiAfrikaans njengolwimi lwenzululwazi kwiYunivesithi ngokubanzi. Siqhubela phambili ukuxabiseka kwesiAfrikaans kwizifundo; umzekelo, ngokufundisa nokwenza uphando ngesiAfrikaans; ukusingatha iingqungquthela, ukuqhutywa iikhosi ezimfutshane, ukunika inkxaso ootitshala beelwimi nokusingatha abahlohli abaziindwendwe ngesiAfrikaans; ukunikezela ngezifundo zokufunyaniswa kolwimi lwesiAfrikaans; ukuphuhlisa ulwazi lokufunda nokufundisa ngesiAfrikaans; ukuxhasa uphuhliso lokufunda nokubhala lwesiAfrikaans; ukubonelela ngeenkonzo zolwimi ezibandakanya ukuguqulela kwisiAfrikaans, kunye nokuhlelwa noyilo lwamaxwebhu ombhalo wesiAfrikaans; ukuphuhlisa isigama seelwimi ezininzi ngesiAfrikaans njengolunye lweelwimi; ukuxhasa ukufikelela kwimibhalo yenzululwazi yesiAfrikaans; kunye nokukhuthaza isiAfrikaans ngopapasho lwezemfundo (kwiinkalo zophando ezifanelekileyo apho iqela elithile ekujoliswe kulo linokuzibandakanya ngokunentsingiselo) nopapasho lwenzululwazi oludumileyo kumajelo eendaba ngokubanzi.

7.5.4 IsiXhosa, njengolwimi olusesesikweni lwemveli kummandla wemfundo lufumana ukuhoywa okuzinzileyo ngeenjongo zokukhula kokusetyenziswa kwalo kwimimandla eyahlukileyo yezemfundo I-SU ikubeka phambili oku ngokuhambelana neemfuno zabafundi ngendlela ecwangcisisiweyo, eququzelwe ngokugqibeleleyo, apho kunokwenzeka ngokufanelekileyo nangendlela yokufundisa. Ukuza kuthi ga ngoku, indima yezemfundo

nobunkokheli beSebe leeLwimi zesiNtu iza kusetyenziswa ngokupheleleyo, nanjengoko eli sebe linamava agqwesileyo, umgangatho wokufundisa nokuphanda okwinqanaba eliphezulu kwimimandla yolwimi ngokubanzi nenzululwazi ngeelwimi. Kwezinye iinkqubo zezifundo, isiXhosa sele sisetyenziswa ngeenjongo zokukhuthaza iTLA esebenzayo, ingakumbi apho ukusetyenziswa kwesiXhosa kunokuvela kubalulekile ngokuphathelele kwiinjongo zezakhono zemisebenzi. I-SU izibophelele ekunyuseni izinga lokusetyenziswa kwesiXhosa, ngokohlobo olunokwenzeka ngokufanelekileyo kwaye luqulathe imfundo efikelelekayo, umzekelo, ngokuthi kuqeqeshwe abahlohli, kusungulwe izifundo ezifutshane ezigxile kunxibelelwano olusisiseko ezinokubhaliselwa ngabasebenzi nabafundi, unxibelelwano olugxile kwizakhono zemisebenzi, ukuphuhliswa kwezikhokelo zesigama esinxamnye namacandelo athile (izixhobo ezishicilelweyo okanye ezifana neefowuni ezisebenzisa ubuxhakaxhaka bale mihla) kuquka neencwadana ezifundisa ngamabinzana esiXhosa.

7.5.5 Nanjengoko kugunyaziswa sisiSikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020) nakumaphulo eYunivesithi ngenkqu kwimimandla yayo, imimandla yeSU efana neSebe leeLwimi zesiNtu neZiko leeLwimi, aza komelezwa ngenjongo yokuphuhlisa nezinye iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika nezingaquki isiAfrikaans, isiNgesi nesiXhosa, ukuze zibe kwinqanaba leelwimi zokufunda nokufundisa, ukuphumeza imfundo ekwinqanaba eliphezulu, kwanophando IYunivesithi iza kuphicotha kananjalo dibhale okanye ishicilele amaqhinga namathuba entsebenziswano okuphuhlisa umgangatho wengqiqo wezemfundo kwezinye iilwimi kumaziko emfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika, kwanokufunda nokuphuhlisa iilwimi zemveli ezazijongelwe phantsi ezifana nesiKhoi, isiNama nolwimi lwamaSan.

7.5.6 I-SU iza kuqhubekeka iphakamisa ukufundwa kweelwimi zamazwe ngamazwe kwaye ize nezisombululo kumba wokudodotyaliswa nokujongelwa phantsi kweelwimi zemveli. Nanjengoko ezi nkqubo zibalelwa kwezo ziphantsi kweenkqubo neemodyuli zeFakhalthi yezeMfundo, eyobuGcisa neNzululwazi ngezeNtlalo, kuquka neZiko leeLwimi, iSU iza kuncedisa apho kukhangeleka kunokwenzeka, ukuze kuqeqeshwe iititshala ezaneleyo zolwimi, iitoliki, abaguquli kwanezinye iingcali zolwimi ukuze zifezekise izidingo zabemi boMzantsi Afrika abasuka kwiindawo zokuhlala ezineelwimi ezahlukeneyo.

### 7.6 Inkxaso esuka kwiZiko leeLwimi

IZiko leeLwimi linikeza ngeenkonzo zolwimi ezijolise ekuphunyezweni ngokugqibeleleyo koMgaqonkqubo weeLwimi, lisebenzisana neefakhalthi, amacandelo eenkonzo ezixhasa abasebenzi abajongene nemfundo nezo zenkxaso kulawulo, nezigqeba zolawulo. Ezi nkozo ziquka inkxaso yophuhliso lokufunda nokubhala, iinkonzo zolwimi eziquka inguqulo, ukutolika nokuhlela; iimodyuli ezingonxibelelwano lwezemisebenzi, izakhono zemfundo ephakamileyo, neemodyuli zokufunda ulwazi lokuthetha nokubhala kwisiAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa neSALS; nophando ngolwimi okanye ukusetyenziswa kweelwimi

ngokubanzi. Iifakhalthi, amacandelo eenkonzo ezixhasa abasebenzi abajongene nemfundo nezo zenkxaso kulawulo, kuquka nezigqeba zabaphathi nolawulo, onke la macandelo angentla athi emva kokuba ebecebisene neZiko leeLwimi, nawo anikeze ngoncedo lwawo olulolunye lolwimi.

### 7.7 Inkxaso yolwimi ephuculweyo ngezobuchwepheshe

Ukuphunyezwa kwalo yoMgaqonkqubo weeLwimi weSU kuxhaswa zii-ICT ezifanelekileyo nezobuchwepheshe zedijithali ebukhulayo, kubandakanya nezixhobo ezixhaswa yiAI, ezinokuphucula ukufundisa, ukufunda nokuvavanya ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi neenkqubo zolawulo. Ubuchwephesha obunjalo bunokuxhasa, phakathi kwezinye izinto, ukuguqulela, ukukhuphela, ukubhala phantsi, ukuphuhlisa isigama kunye nokufikelela kwizixhobo zokufunda kuzo zonke iilwimi.

Ezi zixhobo zenzelwe ukuncedisana – hayi ukuthatha ndawo – yezakhono zabantu. IYunivesithi iyaqonda ukuba ukusebenza kakuhle, ukuchaneka kunye neempembele zokuziphatha kwinkxaso yeelwimi oluxhaswa-yiAI ziyahluka ngokweelwimi neemeko, kwaye zixhomekeke kuphuhliso oluqhubekayo. Kufuneka kunikwe ingqwalasela eyodwa ekuqinisekiseni ukuba ezo obobuchwepheshe abuvelisi kwakhona ukungalingani kweelwimi okanye zehlise umgangatho nokwahluka konxibelelwano lwezemfundo.

IYunivesithi ikwazibophelela ke ngoko ekudityanisweni kobuchwepheshe ngendlela enoxanduva, obukhokelwa luphando nesekwe kwimigaqo yendlela yokufundisa ukuxhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi. Oku kubandakanya ukuvavanywa okuqhubekayo kweenkqubo zeAI ezinxulumene neelwimi zasiNtu nokulungelelaniswa kweenkqubo ezinjalo ngokuhambelana neenjongo zeSU zokulingana nokufikelela.

## 8. Ingxelo, ukubeka iliso nokusonjululwa kwengxabano

8.1 Ifakhalthi nganye neziko loxanduva kuquka neBhunga eliMele aBafundi (iSRC) ziye zingenise ingxelo kwiCandelo leNqununu kanye ngonyaka, ngomhla ekugqitywe ngawo neDVC yezeMfundo, ibe loo ngxelo icacisa:

8.1.1 nabuphi na ubunzima abaye bajongana nabo malunga nokuphunyezwa koMgaqonkqubo weeLwimi;

8.1.2 Naziphi na izixhobo, amacebo nobuchule obuye baphuhlisa ukumiselwa koMgaqonkqubo, okanye ezinokuqhubela phambili ngokuchubekileyo malunga neziphumo zoMgaqonkqubo; kwaye

8.1.3 naziphi iingcebiso zezilungiso kuMgaqonkqubo.

8.2 Ifakhalthi nganye yenza ize ithumele ingxelo ebhaliweyo eya kwiDVC: yezeMfundo emva kwesiqingatha ngasinye sonyaka malunga nendlela ebithobele ngayo isicwangciso sefakhalthi sokuphunyezwa kweelwimi. Ingxelo kufuneka ichaze ngokupheleleyo imeko nganye yokungathobeli kunye nezizathu zoko, kwakunye

namanyathelo athe athathwa okanye aza kuthathwa yifakhalthi ukuthintela ukuphambuka kwisicwangciso sokuphunyezwa kweelwimi kwixesha elizayo.

8.3 I-DVC: yezeMfundo inakho ukonyula iKomiti yabaCebisi kuCwangciso noLawulo leeLwimi (iLPM) ngokohlobo ebona ngalo, ukuze le komiti yenze loo misebenzi iyisikelweyo. Le misebenzi ingaquka oku: ukuncedisa ekuqulunqweni kwezicwangciso neengxelo zokumiliselwa kolwimi, ukuze kube nokuchongwa ezo zinto zintle ziye zasebenza, kuquka nemiba enokuxoxwa kwilixa elizayo, kananjalo kwenziwe nezindululo zokuphuculwa kwezi zicwangciso ziifakhalthi kwaneenkonzo zolawulo ezixhasa imisebenzi engemfundo enomsila. I-DVC inokuqwalasela ezi ngcebiso ukuze zifakwe kwiNgxelo yokuFunda nokuFundisa yonyaka eya kwiBhunga.

8.4 I-DVC: yezeMfundo yenza ingxelo yonyaka ngokuphathelele nemiba emalunga noMgaqonkqubo kwiBhunga, ngokusebenzisa caNdelo leNqununu, isiGqeba soLawulo kunye neKomiti yeeLwimi yeBhunga. Ekulungiseleleni le ngxelo, iDVC ithathela ingqalelo iingxelo ezichazwe phantsi kuka8.1 naku8.2 kunye nengxelo evela kwiKomiti yeNgcebiso zeLPM (ngokomhlathi we8.3). Iinjongo zale zengxelo yeDVC ziquka ukulungiswa kwemimandla exhalabisayo kwanokwabelana ngolwazi ngaphakathi kwiYunivesithi.

8.5 **Abafundi** abanqwenela ukuphakamisa iinkxalabo okanye izikhalazo ngokuphunyezwa koMgaqonkqubo weeLwimi bayacetyiswa ukuba basebenzise ezi nkqubo zilandelayo:

8.5.1 Malunga nokumiselwa okwenziwa ziifakhalthi, izikhalazo zivakaliswa ngokohlobo olucwangciswe kwinkqubo yezibheno/izikhalazo zaloo fakhalthi ibandakanyekayo, okanye xa loo nkqubo ingekho, kuxhomekeka kwindlela akholwa ngayo ukugqithisela isikhalazo sakhe lowo uchaphazelekayo ulilungu labasebenzi, angaya kwintloko okanye usihlalo ochaphazelekayo welo sebe, okanye aye kwingqonyela. Ukuba izikhalazo azisonjululwanga ngokwanelisayo kwinqanaba lefakhalthi, zibe ezo zikhalazo zinento yokwenza neemeko zemfundo, abafundi banakho ukugqithisela ezo zikhalazo kwiAPC, sibe siqale kwiBhunga leMicimbi yezeMfundo yaBafundi (iAAC), ukuba ke akuvelanga sisombululo kwiAPC, iAPC iye iwugqithisele kwisiGqeba soLawulo lo mcimbi, ube uhamba nesindululo.

8.5.2 Malunga nokumiselwa komgaqonkqubo ngamacandelo eenkonzo ezixhasa imisebenzi engemfundo nemisebenzi yolawulo, izikhalazo zigqithiselwa kubaphathi bomsebenzi ngamnye kwicandelo asebenza kulo loo msebenzi, okanye xa kujongwe iYunivesithi ngokubanzi, siye kwiCandelo leNqununu sibe siqale kwisigqeba esilawulayo seBhunga eliMele aBafundi.

8.5.3 Malunga nokumiselwa komgaqonkqubo yimibutho yabafundi, izikhalazo zithunyelwa ziikomiti zeendawo zokuhlala okanye intloko yeendawo zokuhlala. Ukuba izikhalazo azisonjululwanga ngokwanelisayo kwindawo yokuhlala yaseSU okanye kwinqanaba loMbutho waBafundi abaKwelayo (iCSO), abafundi bangazithumela kuMlawuli: weZiko loBomi boMfundi

nokuFunda (iCSLL) okanye okanye zinyuseselwe ziye kwiNtloko yeMicimbi yaBafundi ukuba kuyimfuneko.

8.5.4 Kwiimeko apho ukusetyenziswa kula macandelo akhankanyiweyo kungafanelanga, izikhalazo zingangeniswa kuNozikhalazo weSU ukuze zisonjululwe ngokubonisana namacandelo olawulo afanelekileyo.

8.6 **Abasebenzi** banokuvakalisa inkxalabo okanye bafake izikhalazo malunga nokuphunyezwa koMgaqonkqubo weeLwimi ngokusebenzisa ezi zichazwe ngezantsi.

8.6.1 Kwimeko yokuphunyezwa ziifakhalthi, izikhalazo zifakwa, ngolandelelwano lokubaluleka, kusihlalo wesebe ochaphazelekayo, okanye kwintloko yefakalthi, okanye kwintloko yesikolo.

8.6.2 Kwimeko yokuphunyezwa ziinkonzo zolawulo ezixhasa imisebenzi engemfundo enomsila, izikhalazo zifakwa ngaphakathi kubaphathi becandelo abafanelekileyo okanye, kwimeko yeYunivesithi ngokubanzi, kwiCandelo leNqununu ngokusebenzisa iDVC: yezeMfundo.

8.6.3 Kwiimeko apho ukusetyenziswa kula macandelo akhankanyiweyo kungafanelanga, izikhalazo zingangeniswa kuNozikhalazo weSU ukuze zisonjululwe ngokubonisana namacandelo olawulo afanelekileyo.

## 9. Ulawulo lomgaqonkqubo

### Imisebenzi

9.1 **Umnini** walo Mgaqonkqubo yiDVC: yezeMfundo, onoxanduva lokwenza imisebenzi enikezelwe kwiDVC ngokwamasolotya akhoyo kulo Mgaqonkqubo kananjalo nale misebenzi ilandelayo:

9.1.1 Ukunika isikhokelo malunga nokutolikwa kunye nokuphunyezwa kwalo Mgaqonkqubo;

9.1.2 Ukuqalisa nokongamela inkqubo yokuphononongwa kwalo Mgaqonkqubo.

9.1.3 Ukutyumba umgcini woMgaqonkqubo ovela kwiCandelo lokuPhucula ukuFunda nokuFundisa, nokongamela ukusebenza komgcini.

9.1.4 Ukwazisa nokuchaza ngalo Mgaqonkqubo kwanokunika ingqwalasela kwindlela ophunyezwa ngayo ngokuyimpumelelo.

9.1.5 Ukongamela ukusebenza kweKomiti yeeNgcebiso yeLPM, ukuba yatyunjwa.

9.2 **Umgcini** walo Mgaqonkqubo (ekubhekiswa kuye ku9.1.1.3) unoluxanduva lulandelayo:

9.2.1 Ukuba nguSihlalo nokulawula iKomiti yeeNgcebiso yeLPM, ukuba iye yatyunjwa.

9.2.2 Ukulungelelanisa, ukongamela nokubeka iliso kwiinkqubo zeYunivesithi izijongene nolawulo nocwangciso lweelwimi;

9.2.3 Ukuphakamisa ulwazi malunga noMgaqonkqubo weeLwimi.

9.2.4 Ukubiza iqela okanye amaqela omsebenzi ukuze aphononongе lo Mgaqonkqubo xa loo nkqubo yophononongo ithe yaqaliswa.

9.3 IKomiti yeeLwimi yeBhunga kufuneka incedise iBhunga ekusebenziseni indima yalo yokongamela ngokubanzi imiba yeelwimi eYunivesithi, equka ukuphunyezwa koMgaqonkqubo, nasekuthatheni ingqalelo naziphi na izilungiso ezicetywayo okanye ezifakwe endaweni yoMgaqonkqubo.

9.4 IBhunga linoxanduva olubanzi lokongamela imiba yeelwimi kwiYunivesithi, ebandakanya ukuphunyezwa koMgaqonkqubo, kwaye wamkele uMgaqonkqubo weeLwimi ngemvumelwano nesiGqeba soLawulo nasemva kokubonisana neForam yeZiko.

9.5 IsiGqeba soLawulo sinoxanduva lokuqwalasela imiba yemfundo, kwaye uvumelwano phakathi kwesiGqeba soLawulo neBhunga luyadingwa ngeenjongo zokwamkela uMgaqonkqubo weeLwimi.

## 10 Uphononongo nophengululo

10.1 Ukuyilwa komgaqonkqubo weelwimi nokuphunyezwa kwawo ziinkqubo eziguquguqukayo.

10.2 Kule meko, iDVC: yezeMfundo yenza le misebenzi ilandelayo:

10.2.1 Ukuququzelela ukuvavanywa koMgaqonkqubo weeLwimi ngokuchasene neemeko eziguqukayo ngophando malunga nokuphunyezwa, ukubeka esweni nefuthe loMgaqonkqubo.

10.2.2 Ukuququzelela uthethwano lwarhoqo noluntu lweSU ngokubanzi malunga nemiba enxulumene noMgaqonkqubo weeLwimi.

10.2.3 Ukupapasha ulwazi olufunyenwe kuphando kunye nothethwano ngengoko kuchaziwe kumhlathi we10.2.1 nowwe10.2.2.

10.2.4 Ukualisa uphononongo loMgaqonkqubo weeLwimi ngokubona kweDVC kwaye yongamele inkqubo enjalo ngembono yokulungiswa okanye ukutshintshwa koMgaqonkqubo.

10.3 Lo Mgaqonkqubo weeLwimi kufuneka uhlolwe kunyaka wesithandathu wokusebenza kwawo. Isenokuhlolwa kwangethuba, okanye ngaphezulu kwesihlandlo esinye ngeli xesha, ukuba umnini woMgaqonkqubo ubona kuyimfuneko.

## 11 Ubhengezo

Lo Mgaqonkqubo weeLwimi luxwebhu lukawonkewonke kwaye upapashwa kwiwebhusayithi yeYunivesithi.

## 12 Amaxwebhu anxulumeneyo naxhasayo

| Inombolo. | Igama loxwebhu | Imo |
|---|---|---|
| 1. | Uxwebhu lwesiKhokelo seNgqiqo elingeZakhono zeMfundo enomsila kwiYunivesithi yaseStellenbosch, 2020 | IsiKhokelo seziko esamkelwe yiKomiti yokuFunda nokuFundisa ngomhla wama17 kweyoMsintsi 2020 |
| 2. | Umgaqosiseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, 1996 | Wamkelwa ngomhla wama18 kuCanzibe 1996 waze walungiswa ngomhla we11 kweyeDwarha 1996<br>liGqiza leNdibano yoMgaqosiseko |
| 3. | UMgaqonkqubo wokuFikelela kwabaKhubazekileyo, 2018 | Umgaqonkqubo weZiko owamkelwa liBhunga laseSU ngomhla wama26 kweyoKwindla 2018 |
| 4. | UMthetho weMfundo ePhakamileyo wama101 ka1997, njengoko ulungisiwe | Waqala ukushicilelwa *kwiPhephandaba lasebuRhulumenteni*, ongunombolo 18515 ngomhla we19 kweyoMnga 1997 |
| 5. | ISikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020) | Sishicilelwe *kwiPhephandaba lasebuRhulumenteni*, singunombolo 43860 ngomhla wama30 kweyeDwarha 2020 |
| 6. | UMthetho wokuPhuhliswa koMakulinganwe nokuNqandwa koCalulocalulo olungenaBulungisa we4 ka2000 | Ushicilelwe *kwiPhephandaba lasebuRhulumenten*i, ungunombolo 20876 ngomhla we9 kweyoMdumba 2000 |
| 7. | UMthetho wokuSetyenziswa kweeLwimi eziseMthethweni we12 ka2012 | Ushicilelwe *kwiPhephandaba lasebuRhulumenteni*, ungunombolo 35742 ngomhla we2 kweyeDwarha 2012 |
| 8. | UMmiselo waseSU: weKomiti yeeLwimi yeBhunga (2016) | Wamkelwe liBhunga ngomhla wama26 kweyoMsintsi 2016 |
| 9. | UGunyaziso lwe-SU lweKomiti yeeNgcebiso ngoCwangciso lweeLwimi noLawulo | Luza kuyilwa ukuba ikomiti enjalo ithe yatyunjwa. |
| 10. | UMgaqonkqubo wokuLungiswa kweMbonakalo<br>UMgaqonkqubo weNguqu<br>UMgaqonkqubo weFuthe kwezeNtlalo<br>UMgaqonkqubo wokuFundisa-ukuFunda (iT-L) (2025)<br>UMgaqonkqubo weeMvavanyo<br>UMgaqonkwubo woBulungisa kwezeNgqesho<br>UMgaqonkqubo woKwamkelwa | |

**IsiHlomelo A: Uluhlu lweenkcazelo zamagama nezifinyezo**

Olu luhlu lwamagama sisixokomezelo kuMgaqonkqubo weeLwimi kwaye lunakho ukuhlaziywa ngesigama esifanelekileyo solwimi nezifinyezo ezisetyenziswa yiYunivesithi yaseStellenbosch, zibe zamkelwe yiKomiti yokuCwangciswa kweziFundo.

*Phawula: Umbhalo obhalwe ngqindilili kwikholamu esekunene ubonisa igama elichazwe kolu luhlu.*

| Igama/isifinyezo | Ifomu epheleleyo/inkcazo |
|---|---|
| **IBhunga leMicimbi yeMfundo (iAAC)** | IBhunga leMicimbi yeMfundo licandelo leenkokheli zabafundi osungulwe ziinkokheli zeeklasi kwifakhalthi nganye. |
| **izakhono zefundo enomsila** | Ubuchule bolwazi oludingekayo ukuze umntu aphumelele kwimfundo ephakamileyo ngokweetekisi, bedijithali, bokubonwayo, obungezijekulo, ngokwamanani, nangezinye iindlela zonxibelelwano ezizinze okanye ezifumaneka kwimimandla eyahlukileyo. Umntu onobuchule kwezi zakhono zemfundo enomsila kummandla othile wemfundo, ngulowo **unesakhono esigqibeleleyo solwimi lwezemfundo** olusetyenziswa kulo mmandla. |
| **IKomiti yokuCwangciswa kweziFundo (iAPC)** | A standing sub-committee of Senate. |
| **isakhono esigqibeleleyo solwimi lwezemfundo** | Bona 'izakhono zemfundo enomsila'. |
| **ukufikelela kwingqiqo/ kwiingcingane zolwazi** | Isiphumo senkqubo ephumeleleyo yokufumana ulwazi, ukwenza nokusasaza ngolwazi ngokusebenzisa ulwazi lweendlela zokufunda nokufundisa. |
| **I-ICT** | Isifinyeziso esimele 'unxibelelwano ngolwazi ngezobuchwepheshe'. |
| **iilwimi zemveli** | Njengoko kuchaziwe kwiSikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020), "zilwimi ezineengcambu zazo zikwizwekazi leAfrika (nezikwaziwa ngokuba ziiLwimi zesiNtu kuncwadi nakumanye amaxwebhu omgaqonkqubo) nezibalelwa kwezo zikwiqela leelwimi zaBantu basemaZantsi eAfrika, apho igama elithi 'Bantu' lisetyenziswa njengegama elipheleleyo lolwimi."[1] |

[1] I-SU iyaluxhasa uluvo lokuba isiAfrikansi, isiKhoi, isiNama nolwimi lwamaSan ziilwimi zemveli

| | |
|---|---|
| **ukutolika** | Umsebenzi ojolise ekukhupheleni ngokuchanekileyo intsingiselo yoko kuthethwayo okanye ngokwelwimi lwezana, ukusuka kolunye ulwimi ukuya kolunye kwiimeko ezithile okanye kwimeko yeziko. Ngokuphathelele kwimeko yezemfundo, ukutolikwa kolwimi oluthethwayo okanye ngolwimi olwezandla, luvame ukwenziwa ngaxeshanye (kule ndawo kuthethwa kuyo kwangelo xesha ngqo, babeke esweni oko bekutolikwa kube kungekho kubambezela kukhulu phakathi komyalezo otolikiweyo nentetho ebisenziwa), kwaye kusetyenziswe isigama esihambelana necandelo elo lezifundo. Ukutolika ngaxeshanye kunokuthi kwenzeke kwi-intanethi – kunye neetoliki kunye/okanye abaninzi okanye bonke abathathinxaxheba kwisifundo esitolikiweyo esingekho kwindawo yokufundela. Iinjongo zotoliko kwezemfundo kukukhuthaza ukufikeleleka kwemfundo kumntu wonke, kuquka nempumelelo kwimeko yemfundo ephuhlileyo nekhuthaza ukufunda ngeelwimi ezahlukeneyo. 'Ngaxeshanye' kuthetha ukuba ukutolika kwenzeka ngexesha lokwenyani okanye lwenzeka ngqo. |
| **I-IT** | Isifinyeziso esimele 'ezobuchwepheshe'. |
| **IKomiti yeeNgcebiso yeLPM (iLPM)** | Isifinyeziso esimele 'IKomiti yeeNgcebiso ngoCwangciso lweeLwimi noLawulo'. |
| **ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi** | Ukusetyenziswa kolumwi olungaphezulu kwesinye ngeenjongo ezahlukeneyo, kumanqanaba ahlukileyo engqiqo<br><br>Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo ngumntu omnye (nokwaziwa ngokuba **sisakhono sokwazi intlaninge yeelwimi)** kubhekiselele kubunganga bomntu bokusebenzisa ulwimi, umzekelo, akwazi ukusebenzisa ulwimi lweSesotho ezikhawuntarini, asebenzise isiNgesi kwicandelo lemfundo ephakamileyo, aze asebenzise isiXhosa ekunxibelelaneni nosapho.<br><br>Kuncwadi olungokusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kuluntu kubhekisa kulungiselelo lweelwimi olusesikweni (okanye imigaqonkqubo) kwiindawo apho abantu abathetha iilwimi ezahlukeneyo bahlala kunye. Ukusetyenziswa kweelwimi ezninzi yintlalo akuthethi ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye.<br><br>Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwiziko luhlobo loluntu lweelwimi ezininzi – njengoko lubonakaliswa kwimisebenzi kunye nemigaqonkqubo yeziko – kwaye ayithethi ukuba umntu ngamnye uthetha iilwimi ezininzi. Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kukwabonisa |

| | |
|---|---|
| | isimo sengqondo, kwaye esiquka ukuxabisa ukwahluka kwethu njengabantu. |
| **I-NQF** | Isifinyeziso esimele 'ISikhokelo seSizwe seziQinisekiso zeMfundo'. |
| **Unxibelelwano olusemthethweni lwagaphakathi kwiziko** | Lonke unxibelelwano olusuka kwiNgqonyela, kwiBhunga, kwisiGqeba soLawulo, kwiNqununu, kumaSekela amaSekela Ngqonyela, kwiGosa elyiNtloko lezeMisebenzi okanye kwiRejistra, lusiya kwiYunivesithi ngokubanzi. |
| **isidingo sendlela yokufundisa** | Iimeko namathuba okufunda enza kube lula **ukufikeleleka kweengcingane zolwazi (ingqiqo)**, ukukhuthaza ukuzikhethela iindlela ezahlukileyo zokufunda, ukukhulisa ukuzibandakanya okusebenzayo, ukwabelana ngeendlela zokuzuza ingqiqo nokuqonda, kwanokuqhubela phambili ngokwakheka kobuqu babantu obuluqilima (njengabaziyo). |
| **ukufundisa ngokufanelekileyo** | Ukwenza imfundo ifikeleleke ngokulula yimpendulo eluncedo kwizidingo zabafundi malunga nokuzuza imfundo egqwesileyo ngokuthi babe nakho "ukusebenzisa imigaqo eyiyo kwindlela ekufundwa ngayo kumaziko emfundo ephakamileyo". Le migaqo iquka "ulwalamano nelizwe esiphila kulo", "iindlela ezininzi zokubona izinto", "intsebenziswano egxile kulwakhiwo lolwazi", "kwanokuhlola ngokukuko okanye ngokuthembakeleyo" (Herrington & Herrington, 2006:1-14[2]) |
| **ubuchule bokuthetha iilwimi ezininzi** | ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu ngamnye – isakhono kukwazi ukusebenzisa iilwimi ezininzi kunye nolwimi lwezizwana ngeendlela ezihambelanayo |

[2] Herrington, A. & Herrington, J. (2006). What is an Authentic Learning Environment?. In T. Herrington & J. Herrington (Eds.), *Authentic Learning Environments in Higher Education*, pp. 1-14. IGI Global Scientific Publishing. https://doi.org/10.4018/978-1-59140-594-8.ch001

| | |
|---|---|
| **iinkqubo zeziqinisekiso zemfundo yabo sebethweswe izidanga** | Ziinkqubo eziqinisekisiweyo, ezibhaliswe kwi**NQF,** apho ubuncinci beemfuno zokwamkeleka njengomfundi zibayidiploma ebalelwa kwinqanaba lesi6 leNQF okanye isidanga sebhatshela esikwinqanaba lesi7 leNQF, okanye ngaphezu kwezi ziqinisekiso, nanjengoko kucacisiwe lisebe kwiziKhokelwana zeziQinisekiso zeMfundo ePhakamileyo. 'Iziqinisekiso zabo sele bethweswe izidanga' ziquka: Idiploma ekwinqanaba eliphezulu, isidanga sebhatshela yeeonazi, isidanga seemastazi nesidanga sobugqirhalwazi. |
| **I-CSO** | Isifinyeziso esimele 'UMbutho waBafundi abaKhwelayo'. |
| **iziko loxanduva (iRC)** | Iqumrhu lababaphathi, elinikeza iingxelo kwilungu leCandelo leNqununu. |
| **Iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika** | NgokweSikhokelo soMgaqonkqubo weeLwimi kumaZiko kaRhulumente eMfundo ePhakamileyo (2020), "iilwimi ezilishumi elinanye nezidandalaziswe kuMgaqosiseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika (o.k.t. isiAfrikansi, isiNgesi, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, iSepedi, iSesotho, iSetswana, isiSwati, iTshivenda neXitsonga)." Ngo2023, uLwimi lweZandla loMzantsi Afrika (iSASL) longezwa kuluhlu lweelwimi zaseMzantsi Afrika ezisemthethweni, nto leyo yenza ukuba zizonke zibe zilishumi elinambini. |
| **imbutho zabafundi** | Imimandla yemfundo ephulaphulayo nephilayo ebandakanya bonke abafundi, ingakumbi abo bakwiindawo ezihlalisa abafundi eziseSU, imibutho yePSO namaqela emfundo akwezo ndawo bahlala kuzo abafundi (le yokugqibela isebenza njembutho owongezelweyo wabafundi apho wonke umfundi amkelekileyo). Ubulungu bunika abafundi ithuba lokuthatha inxaxheba kumaqumrhu ekomiti, kwimibutho nakwiiklabhu zemidlalo, kunye nokubhalisa kwimisebenzi yokufunda ngamava ngokuhambelana nekharityhulam. |
| **I-SU** | Isifinyeziso esimele 'IYunivesithi yaseStellenbosch. |
| **ukufundisa, ukufunda novavanyo (iTLA)** | Ukufundisa, ukufunda novavanyo kumele iinkalo ezahlukeneyo zenkqubo edityanisiweyo apho abahlohli bezemfundo nabafundi babandakanyeka ngaxeshanye kwimisebenzi efanayo efuna "intsebenziswano yokunxibelelana kweengqondo kwiimeko zokwenyani" (Ashwin, 2012: 2-3[3]; Dann, 2014: 151[4]). |

[3] Ashwin, Paul. 2012. *Analysing Teaching-Learning Interactions in Higher Education: Accounting for Structure and Agency*. London: Continuum.

[4] Dann, R. (2014). Assessment as learning: blurring the boundaries of assessment and learning for theory, policy and practice, *Assessment in Education: Principles, Policy & Practice*, 21:2, pp. 149-166.

| | |
|---|---|
| **ukunxibelelana ngeelwimi ezahlukileyo ngaxesha linye** | Sisigama esiqukayo ngokuphathelele kwimeko apho abantu abasebenzisa iilwimi ezininzi besebenzisa oovimba bolwimi abanabo ukuze bakwazi ukunxibelelana nabanye nangeetekisi ukuze kuyileke intsingiselo. Kwimeko yegumbi lokufundela, injongo yoku kukuzinzisa okanye ukumilisela ukufunda kusetyenziswa iindlela zobuchule ezahlukileyo, neziquka okanye ezizezinye ukongeza ekukhowudiswitsheni (ekusebenziseni isigama seelwimi ezahlukileyo kwintetho enye), ukwenziwa kwenguqulolwimi, ukuthetha iilwimi ezahlukileyo kwiindiwo ezahlukileyo, kwanokutolika, kube kungekho zinzame okanye njongo zakuqhana unxibelelwano okanye ukuzibandakanya netekisi kulwimi olunye okanye ngeelwimi ezahlukeneyo. |
| **uguqulolwimi** | Umsebenzi wokugqithisela intsingiselo yokubhaliweyo ukusuka kolunye ulwimi ukuya kolunye kwimeko ethile okanye kwiziko elithile. Injongo yenguqulolwimi ngokwasemsebenzini kukuqinisekisa ukuba zombini iitekisi ezibandakanyekayo zigqithisela umyalezo ofanayo, kube kuthathelwa ingqalelo umsebenzi waloo tekisi, imigaqo yegrama yezo lwimi nemithetho yokubhalwa kwazo, izangotshe nesimbo sokusetyenziswa kwazo, kunye nesigama esisetyenziswa kuzo. Ubume bokubhalwa kwenguqulolwimi ekwinqanaba eliphezulu lemisebenzi, idinga ukuba ibe yimisebenzi equkunjelwe ngokugqibeleleyo. Uguqulolwimi, olubandakanya ukudluliselwa kwezimvo ezivakaliswa ngokubhaliweyo ukusuka kolunye ulwimi ukuya kolunye, luyohlulwa kutoliko, okubandakanya ukudluliselwa kwezimvo ezivakaliswe ngomlomo okanye ngokolwimi lwezandla (njengoko kunjalo kwimeko yeSASL). |